Isalathiso: 20190906-8904
Inombolo yefayili: 4/3/R
Imibuzo: CC Adendorff

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali: 0003/2019

Iya: KwiNtsumpa-Jikelele, kumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zawo onke amacandelo namacandelwana kunye nakuBasebenzi bezeMali

Isihloko: Intlawulo eyimbuyiselo yamagosa ngokupaka e-*Grand Central Towers* nase-*Golden Acre Building* ngeenjongo ezisemthethweni kuphela

1. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukunika isikhokelo sendlela yentlawulo eyimbuyiselo yamagosa akuhlawuleleyo ukupaka e-*Grand Central Towers* ngeenjongo ezisemthethweni kwaNdlunkulu weSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*).

2. Ngokwecandelo 38(1)(*a*)(i) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka-1999 (uMthetho 1 ka-1999), igosa elinoxanduva lokuphendula ngosetyenziso lwemali lesebe:

   "*(a)* kufuneka liqinisekise ukuba isebe, iqumrhu lorhwebo okanye iziko eliphantsi komgaqo-siseko linazo yaye liyazilondoloza−

      (i) iinkqubo ezisebenza ngempumelelo, ngaobuchule nezisekuhleni zolawulo lwelahleko yezemali nolawulo lwangaphakathi."

3. Ngokomhlathi 17.1.1 wemimiselo i-*National Treasury Regulations*, owapapashwa kwi*Gazethi kaRhulumente* No. 27388 nge-15 Matshi 2005, igosa eliphendula ngokusetyenziswa kwemali kufuneka liqinisekise ukuba:

   "Zonke iitranzekshini zeziko zikhatshwe ngamaxwebhu angoovimba anokuqinisekiswa nathembekileyo, acacisa gca ngesabelo-mali (*accounting allocation*) esivunyiweyo."

4. Kubekho imfuno yokubuyiselwa kwentlawulo yokupaka, ngenxa yokuba ukususela nge-21 Januwari 2019, amatikiti agximfizwe isitampu ayesele engasamkelekanga njengendlela yokuhlawula e-*Grand Central Towers* nase-*Golden Acre Building*.

5. Ukubuyiselwa intlawulo kwamagosa ngokupaka e-*Grand Central Towers* nase-*Golden Acre Building* ngeenjongo ezisemthethweni kuphela, kuya kunikwa ingqwalaselo ukuba kuyazifezekisa iimfuno njengoko kuchaziweyo kumhlathi 7 wale ngcaciso imfutshane.

6. Amagosa ayesele enikwe iindawo zokupaka neethegi zokungena kwisakhiwo liCandelo loKucwangcisela iZakhiwo zeZikolo noLawulo lweePropathi (*Directorate: Physical Resources Planning and Property Management*) akasayi kunikwa ngqwalaselo yokubuyiselwa intlawulo ngokwale ngcaciso imfutshane.

7. Igosa eligunyazisa isicelo sebango nabaphathi bamacandelo abaphendula ngokusetyenziswa kwemali kufuneka banike ingqwalaselo le miba ilandelayo phambi kokuvunywa kwentlawulo eyimbuyiselo yokupaka:
   a) uhlobo lotyelelo olusemthethweni okanye izizathu zokusebenzisa indawo yokupaka;
   b) ubude bexesha elilindelekileyo elifunekayo ukwenza imisebenzi esemthethweni;
   c) ukuqinisekisa ukuba isithuthi esisuka kwiGaraji kaRhulumente (*Government Garage*) (*GG*) sasibhukishelwe umntu lowo wenza isicelo sebango lokubuyiselwa intlawulo yeso sithuba sexesha ekwenzelwe lona ibango (ukuba kufanelekile); yaye
   d) liqinisekisa ukuba amagosa akenzi zicelo zamabango eendleko zokupaka zemisebenzi eqhelekileyo esemthethweni yemihla ngemihla.

8. Makungeniswe la maxwebhu alandelayo ukwenzela ukuba kusingathwe ubuyiselwa kwentlawulo yokupaka ngeenjongo ezisemthethweni kuphela:
   a) ifom yesicelo sebango ezalisiweyo nevunyiweyo namaxwebhu ahamba kunye nawo (iirisithi namanye amaxwebhu);
   b) ubungqina obuqhotyoshelweyo bohlobo lotyelelo; kunye
   c) nephetshana lokupaka elinenombolo-mbhalo yemoto elibhalwe ngesandla.

9. Ukusingathwa kweentlawulo eziyimbuyiselo ngamacandelo ngamacandelo makwenziwe ngokwesistim ekwikhompyutha i-*Basic Accounting System* (*BAS*) yaye makuhambelane mbo nayo yonke imigaqo-nkqubo yeentlawulo.

10. Le ngcaciso imfutshane isebenza ukususela nge-01 Septemba 2019.

11. Amagosa makaqinisekise ukuba akazisebenzisi iindawo zokupaka ezigcinelwe abathile neendawo zokupaka ezabelwe ngokukodwa ukusetyenziswa zizithuthi ze-

GG. Kuphela ziindawo zokupaka eziqingqelwe ukusetyenziswa luluntu ezinokusetyenziselwa ezi njongo zale ngcaciso imfutshane. Abaphathi bezakhiwo baya kunyanzelisa imigaqo-nkqubo engqongqo yokuklempa izithuthi xa kusophulwa imigaqo yokupaka. Akukho zintlawulo ziyimbuyiselo ziya kwenziwa kwiimali ezihlawulweyo ngenxa yezithuthi eziklentshiweyo okanye ngako nakuphi ukophulwa kwemigaqo yokupaka.

12. Zonke izicelo ezingokubuyiselwa intlawulo ezibhalwe umhla osusela kowe-21 Januwari 2019 ziya kubuyiselwa iintlawulo ngokomhlathi 8 ongentla.

13. Kukhuthazwa amagosa ukuba makanike ingqwalaselo ukusebenzisa iindawo zokupaka ezifikelelekayo ngamaxabiso nokuba akhwelisane xa esuka kwindawo enye naxa esiya kwintlanganiso enye ngeenjongo zokucutha iindleko.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZAMAZIKO
UMHLA: 2019-09-06